Isalathiso: 20190808-7701
Inombolo yefayili: 13/7/1/2
Imibuzo: C Klopper

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0009/2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: Ingcaciso ngokuhlanganiswa ngokuchanekileyo kwezifundo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

1. Umgaqo-nkqubo i-*National policy pertaining to the programme and promotion requirements (NPPPR) of the National Curriculum Statement Grades R – 12*, opapashwe kwiGazethi kaRhulumente No. 41321 yowe-15 Disemba 2017, uchaza malunga neemfuno zokungena kwiMfundo noQeqesho oluQhubelekayo (*FET*) kumaBakala 10–12.

2. Kuthatha iminyaka emithathu ukwenza iSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*), oko kukuthi amaBakala 10-12. Umfundi kufuneka:

   (a) azenze zonke izifundo ezikhethwayo zamabakala omathathu xa ewonke, amaBakala 10−12, azalise iimfuno zenkqubo zala mabakala ngokuzimeleyo; yaye
   (b) azithobele iimfuno zoVavanyo oluQhubekela eSikolweni (*School-based Assessment*) (*SBA*) zamaBakala 10, 11 no-12 neemfuno zovavanyo zangaphandle zeBakala 12 njengoko kuchatshazelweyo kuxwebhu lomgaqo-nkqubo, i-*National Protocol for Assessment Grades R – 12,* ne-*Curriculum and Assessment Policy Statements* lwezifundo ezahlukeneyo ezidweliswe kwisiHlomelo B.

3. Abafundi abangena kwisigaba se-*FET* mabalandele elinye lamakhondo ezifundo alandelayo, izifundo (zamakhondo aqhelekileyo) okanye amakhondo ezifundo zobugcisa.

4. Abafundi abalandela ikhondo lezifundo okanye ikhondo lezifundo zobugcisa mabalandele ikharityhulam njengoko kuchatshezelweyo kwi-*NPPPR*.

5. Izifundo ze*NSC* ezivunyiweyo zidwelisiwe kwiziHlomelo B no-C ze-*NPPPR*. IsiHlomelo B sinamaqela aziindidi ezimbini eziphambili, eziliQela A neQela B.

6. Abafundi abakwisigaba se-*FET* abasuka kumaBakala 10−12, abalandela nokuba zizifundo (ngokubanzi) okanye amakhondo ezobugcisa, mabakhethe izifundo ukufezekisa ezi mfuno ze*NSC* zilandelayo:

IKHONDO LEZIFUNDO	**IKHONDO LEZIFUNDO ZOBUGCISA**
IIMFUNO EZIMISELWEYO	**IIMFUNO EZIMISELWEYO**
Iilwimi zaseburhulumenteni ezimbini: • Olunye kwiilwimi zaseburhulumenteni lufundwa kwinqanaba loLwimi lweeNkobe (*HL*) • Olunye, lusenokuba kwinqanaba loLwimi lweeNkobe okanye loLwimi oLongezelelweyo lokuQala (*FAL*) • Olunye kwiilwimi ezimbini malube luLwimi loKufunda noKufundisa • Abafundi abazizithulu banokwenza **i-*South African Sign Language* (*SASL*)** kwinqanaba loLwimi lweeNkobe • Umfundi unokufunda kuphela ulwimi lube lunye **kwisiXhosa**, **kwisiZulu**, **kwiSiswati nakwisiNdebele** • Umfundi unokwenza kuphela ulwimi olunye **kwiSepedi, kwiSesotho nakwiSetswana**	Iilwimi zaseburhulumenteni ezimbini: • Olunye kwiilwimi zaseburhulumenteni lufundwa kwinqanaba loLwimi lweeNkobe (*HL*) • Olunye, lunokuba kwinqanaba loLwimi lweeNkobe okanye loLwimi oLongezelelweyo lokuQala (*FAL*) • Olunye kwiilwimi ezimbini malube luLwimi loKufunda noKufundisa • Abafundi abazizithulu banokwenza **i-*South African Sign Language* (*SASL*)** kwinqanaba loLwimi lweeNkobe • Umfundi unokwenza kuphela ulwimi lube lunye **kwisiXhosa**, **kwisiZulu**, **kwiSiswati nakwisiNdebele** • Umfundi unokwenza kuphela ulwimi olunye **kwiSepedi**, **kwiSesotho nakwiSetswana**
I-*Mathematics* OKANYE **i-*Mathematical Literacy***	**I-*Mathematics*** OKANYE **i-*Technical Mathematics***
I-*Life Orientation*	**I-*Life Orientation***
Umfundi makakhethe **ubuncinane zibe NTATHU** izifundo ezongezelelweyo kwiQela B. Nakuba kunjalo, umfundi unokukhetha: • Ubuninzi beelwimi ezongezelelweyo ezimbini • Ubuninzi mayibe sisifundo esinye esenziwe libhunga lovavanyo elivunywe ngokusemthethweni ingelilo iSebe leMfundo esiSiseko likazwelonke (*DBE*)	Umfundi **makakhethe zibe NTATHU kwezilandelayo** izifundo: 1. **I-*Engineering Graphics and Design* (*EGD*)** 2. **I-*Physical Sciences*** OKANYE ii-***Technical Sciences*** 3. Esinye sezi zifundo zobugcisa zilandelayo: • **I-*Civil Technology*** (*Civil Services* **okanye** i-*Construction* **okanye** i-*Woodworking*)

• **I-*South African Sign Language* (*SASL*)** kwinqanaba loLwimi lweeNkobe alwenza njengesinye sezifundo ozikhethayo kwezintathu	• **I-*Electrical Technology*** (kwi-*Digital Systems* **okanye** i-*Electronics* **okanye** ii-*Power Systems*) • **I-*Mechanical Technology*** (I-*Automotive* **okanye** i-*Fitting and Machining* **okanye** i-*Welding and Metal Work*)
IMIQATHANGO EMISELWEYO	**IMIQATHANGO EMISELWEYO**
Umfundi angazenza izifundo **ezingaphezulu** kwezisixhenxe, ukuba ngaba umfundi uyazithobela zonke iimfuno: • Izifundo mazenziwe kumaBakala 10–12 • Umfundi uzifezekisile iimfuno zovavanyo lwangaphakathi yo nezepraktikhali zamaBakala 10–12	Umfundi angenza izifundo **ezingaphezulu** kwezisixhenxe, ukuba ngaba umfundi uyazithobela zonke iimfuno: • Izifundo mazenziwe kumaBakala 10–12 • Umfundi uzifezekisile iimfuno zovavanyo lwangaphakathi yo nezepraktikhali zamaBakala 10–12
Akusayi kufundwa sifundo solwimi olufanayo kwinqanaba le-*HL* nele-*FAL* okanye kuLwimi oLongezelelweyo lweSibini (*SAL*), okanye kwinqanaba le-*FAL* nele-*SAL*.	Akusayi kufundwa sifundo solwimi olufanayo kwinqanaba le-*HL* nele-*FAL* okanye kuLwimi oLongezelelweyo lweSibini (*SAL*), okanye kwinqanaba le-*FAL* nele-*SAL*.
Akuvumelekanga ukuba umfundi makenze zombini **i-*Mathematics* ne*Mathematical Literacy***.	Akuvumelekanga ukuba umfundi makazenze zombini **i-*Mathematics* ne*Technical Mathematics***.
Akuvumelekanga ukuba umfundi makenze **i-*Technical Mathematics***.	Umfundi akuvumelekanga ukuba makenze **i-*Mathematical Literacy***.
Umfundi owenza **i-*Physical Sciences*** makenze **i-*Mathematics*** njengesifundo esinyanzelekileyo.	Umfundi owenza **i-*Physical Sciences*** makenze **i-*Mathematics*** njengesifundo esinyanzelekileyo.
Umfundi akanako ukwenza nasinye kwezi zifundo zithathu zobugcisa (***I-Civil Technology*/*I-Electrical Technology*/*I-Mechanical Technology*** njengeSifundo esiGxininisa kwiNkalo ethile)	
Akuvumelekanga ukuba umfundi makenze **i-*Technical Science***	
Akuvumelekanga ukuba umfundi makazenze zombini **i-*Consumer Studies* ne-*Hospitality Studies*.**	
Umfundi owenza **i-*Sport and Exercise Science*** makenze nokuba **yi-*Physical Sciences*** okanye **yi**-***Life Sciences*.**	
Ubuninzi sisifundo esinye esenziwe saza savavanywa libhunga lovavanyo elivunywe ngokusemthethweni elingeloSebe *iDBE*	

esinokwenziwa ukufezekisa iimfuno zesinye zezifundo ezintathu ezifunekayo zeQela B.	
Iprogram ye-*Practical Music* yelinye lamabhunga eemviwo ze-*Music*, eliyi-*Association Board of Royal Schools, Trinity College of London and Unisa*, inokwenziwa ngokwemimiselo nemiqathango njengoko ichaziweyo kumgaqo-nkqubo. Kucelwa ufunde i-*NPPPR* ngokumalunga nemimiselo okanye uqhagamshelane neCandelo loVavanyo ngokumalunga noku.	
Akuvumelekanga ukuba umfundi makenze izifundo zibe zibini kwezi zilandelayo: ***Equine Studies*, *Maritime Economics*, *Nautical Science*, *Modern Greek, Serbian, Sport and Exercise Science***. Oku **akuyibandakanyi i-*Maritime Economics* ne-*Nautical Science*** – ukuba enye yazo yenziwa njengesifundo se-8.	
Unako umfundi ukwenza **i-*Marine Science*** (isifundo esitsha – esifundiswa kumaziko amathathu).	
Unako umfundi ukwenza **i-*Accounting* ne-*Mathematics*** okanye **i-*Mathematical Literacy***.	
Unako umfundi ukwenza **i-*Information Technology* (*IT*) ne-*Computer Applications Technology* (*CAT*)** ngokuhlangeneyo.	
Unako umfundi ukwenza **i-*Engineering Graphics and Design* (*EGD*)**.	

7. Kucelwa iinqununu ziqinisekise ukuba abafundi, xa bekhetha izifundo kwiBakala 9, bayazifezekisa iimfuno zokungena zeSigaba se-FET kumaBakala 10–12.

8. Apho kufunyaniswe ukuba abafundi kumaBakala 10–12 abazifezekisi iimfuno zokungena zeSigaba se-FET kumaBakala 10–12, inqununu mayiqinisekise ukuba kwenziwa izilungiso kwi-Central Education Management Information System (CEMIS) ngoko nangoko.

9. Ingcaciso kwi-CEMIS ibonisa ukuba kukho abafundi bamaBakala 10 no-11 ngoku abenza izifundo ezidityaniswe ngokungachanekanga.

10. Kucelwa iinqununu ukuba zisebenzise i-Error Report function kwi-CEMIS ukuqaphela abafundi bamaBakala 10 no-11 abenza ngoku izifundo ezidityanisiweyo nabazingazithobeliyo iimfuno ezimiselweyo zomgaqo-nkqubo.

11. Kulindeleke ukuba nabaphi na abafundi bamaBakala 10 okanye 11 bazitshintshe izifundo zabo abazenzayo ukungqinelana neezifundo ezidityanisiweyo lo gama bekumaBakala 10 okanye 11, njengoko aba bafundi bengayi kufumana ziphumo yaye bengayi kungqinisiswa ngu-Umalusi ngokunikwa izafikethi.

12. Kucelwa wazise le ngcaciso bonke abafundi bamaBakala 10–12, ootitshala nabazali ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2019-09-17